



SOUTH AFRICA

© WWF / Sue Northam-Ras

SISEBENZELA UKUBA NAMALWANDLE ASEMPILWENI KUNYE NENDLELA ZOKUZIPHILISA EZINGAPHELELWAYO KULUNTU OLUHLALA NGASELUNXWEMENI

# IMIMANDLA YOKULOBLA YABALOBIBABASAKHASAYO – UKWENZELA ABANTU KUNYE NENDALO

Icandelo loshishino lokuloba lwabasakhasayo laseMzantsi Afrika (SSF) lelona candelo lakutshanje lokuloba elwandle elithe lasekwa ngokusesikweni.

Ukususela ngo-2012, urhulumente uye wakwamkela ngokusemthethweni ukuxhomekeka ngokwesithethe, kwabalobi abasekelwe kuluntu, koovimba baselwandle njengomthombo wezinto zokuziphilisa kunye nokhuseleko lokutya. Icandelo loshishino le-SSF likwalelona lisesichengeni kakhulu phakathi kwawo onke amacandelo oshishino okuloba. Kwiindawo zoluntu ezininzi eziselunxwemeni, kukho ukungqongophala kwamathuba emisebenzi angamanye, kunye nokokufikelela kwimfundo yamabanga aphakamileyo. Abalobi baxhomekeke kakhulu koovimba baselwandle abasele bephela ukuze batye baze baziphilise. Kwaye, abalobi abaphuma eluntwini baye babe namathuba amancinci okufikelela kwiimarike kunye nokhuphiswano namanye amaqela asebenzisa ulwandle. Ngaphandle kongenelelo olulungileyo, le meko kulindeleke ukuba ibembi kakhulu, ingakumbi xa kuthathelwa ingqalelo ukuba ulwandle lwethu kunye neenkqubo zendalo zaselunxwemeni nazo zijongene nezisongelo ezingazange zabanwa ngaphambili.



>170

**I-CO-OPERATIVE ZABALOBIBABASAKHASAYO ZASEKWA UKUSUSELA NGO-2023**

i-Co-operative ngamaziko asemthethweni anamalungelo okuloba eyiminyaka eyi-15 phantsi koMgaqo-nkqubo waBalobi Abasakhasayo woMzantsi Afrika.

Imimandla yokuloba yabasakhasayo (SSFZs) inika ithuba elichulumancisayo kubalobi abasakhasayo lokuzibandakanya kulawulo lobambiswano loovimba babo bezendalo kwinqanaba lasekuhlaleni.

Kwi-SSFZ, abalobi abasakhasayo baya kukwazi ukubeka phambili amanyathelo okuxhasa indlela yabo yokuziphilisa nokugcina isithethe sabo sokuloba.

## YINTONI INDAWO YOKULOBABABALOBIBABASAKHASAYO?

Indawo yokuloba yabalobi abasakhasayo (SSFZ) yindawo echongiweyo apha elwandle, esekelwe ukubeka phambili izithethe zokuloba kwabalobi abasakhasayo. Ngalo ndlela, ixhobisa kwaye ikhusela indlela yokuziphilisa koluntu oluphila ngaselunxwemeni.

Nangona ii-SSFZ zibonelelwe kuMthetho woVimba beZinto eziPhilayo zaseLwandle 18 ka-1998 (MLRA), zihlala ikakhulu zingumbono nje. Amanyathelo asebenzisekayo okuzidala ayaphuhliswa. Ummiselo 5(3) onxulumene nokuloba kwabasakhasayo xa ufundwa kunye necandelo 17 le-MLRA

– uvumela uMphathiswa wezamaHlathi, ezokuLoba nokuSingqongileyo ukuba anciphise/athintele nawaphi na amanye amalungelo kwii-SSFZ achaziweyo.

Ii-SSFZ ziya kuphunyezwa ngenkqubo yolawulo lobambiswano, apho abalobi abasakhasayo besebenza ngokubambiseneyo neSebe wezamaHlathi, ezokuLoba nokuSingqongileyo (DFFE) kunye nabanye abachaphazelekayo abafanelekileyo ukuze balawule ngokubambiseneyo le ndawo noovimba bayo.

## IZINTO EZIPHAMBILI EZIYINXALENYESIMIMANDLA YOKULOBABABASAKHASAYO



### Ukufikelela kwabakhethekileyo

Ukufikelela kwiindawo zokuloba zabasakhasayo kwinqanaba lasekuhlaleni, ukuze kugcinwe indlela zokuziphilisa koluntu oluhlala ngaselunxwemeni.



### Ulawulo lobambiswano

Abalobi bathatha inxaxheba ekwenzeni izigqibo kwinqanaba lasekuhlaleni, ezinxulumene nolawulo lommandla noovimba bezendalo.



### Ulawulo lobambiswano

Ulawulo oluqukayo lommandla wokuloba wabasakhasayo, ludibene ne-DFFE kunye nabanye abachaphazelekayo ababalulekileyo.

## YINTONI ENOKUFANE IFUNEKE UKUZE UMPHATHISWA ACACISE IMIDA YEMIMANDLA YOKULOBABASAKHASAYO?

- ✓ Inombolo zemida ze-GIS ezicetywayo zale mimandla
- ✓ Izisongelo eziphambili ekufuneka zincitshisiwe
- ✓ Ikomiti yolawulo lwasekuhlaleni esele ikho enemimiselo yokwalathisa eyamkelwayo yi-DFPE
- ✓ Ukupapashwa kwiGazethi koyilo lwe-SSFZ kunye nesicwangciso solawulo esihambelanayo ukuze kufunyanwe izimvo zoluntu.

## YINTONI INDIMA KUNYE NOXANDUVA LWABALOBIBASAKHASAYO?

Abalobi abasakhasayo babalulekile kwimpumelelo ye-SSFZ. Ukuzibandakanya kwabo kuqinisekisa ukuba lo mmandla uyasebenza, unobulungisa kwaye uzinzile. Indima yabo iquka, kodwa ayiphelelanga koku:

- **Ulawulo lobambiswano kunye nobunkokeli:** Ukudlala indima ephambili kwikomiti yolawulo lobambiswano, umele isabelo soluntu kwaye ube negalelo kwizigqibo nakwizenzo zolawulo lwemihla ngemihla.
- **Ukuzibandakanya kwabachaphazelekayo:** Ukusebenza njengo mnxibelelanisi ophambili phakathi koluntu, amagunya karhulumente nabanye abachaphazelekayo abafanelekileyo.
- **Inkxaso yokubeka iliso nokuthotyelwa kwemithetho:** Ukusebenza namagosa okuthobela imithetho kunye nabasemagunyeni, ukuxela imisetyenzana engekho mthethweni, ukuzingela ngokungekho mthethweni okanye ezinye izinto ezisisongelo kummandla wokuloba wabasakhasayo.
- **Imithetho nemigaqo:** Ukuthatha inxaxheba ekuphuhliseni nasekuhloleni amanyathelo olawulo anjengokuvalwa ngamaxesha athile onyaka, izithintelo kwizixhobo zokuloba kunye neendawo ekungavumelekanga kulotywe kuzo, ukusebenzisa ulwazi lwasekuhlaleni neengcebiso zesayensi.
- **Ukucwangcisa iindlela zokuziphilisa:** Ukukhokela izigqibo malunga nemisetyenzana efanelekileyo engenye okanye eyahlukileyo yokuziphilisa ukuze kuqinisekise ukuba izinzile, ihambelana nenkcubeko kwaye iqhutywa luluntu.

## ZEZIPHII INZUZO EZINOKUBA KHO EBANTWINI NAKWINDALO?



### Abalobi abasakhasayo

- Ukuthatha inxaxheba okunentsingiselo ekuthathweni kwezigqibo malunga noovimba baselwandle
- Ukukhuselwa kwenkcubeko nezithethe zabalobi abasakhasayo
- Ukuphuculwa kokhuseleko lwengeniso kunye nokuncitshiswa kongqzulwano namanye amaqela achaphazelekayo

### Indawo yaselwandle

- Ukuncitshiswa koxinzelelo loovimba ngokulawulwa kweminye imisetyenzana
- Ukuphuculwa kwemizamo yesinzi ekukhathaleleni yempilo yolwandle lwethu.
- Ulwandle olusempilweni, ingakumbi ekuhambeni kwexesha.



## YINTONI IXABISO LOMMANDLA WOKULOBABASAKHASAYO?

Ukwenza ii-SSFZ zibe sesikweni ukuvumela indlela equka abanye ngakumbi kulawulo nasekuphathweni kweendawo zaselwandle zasekuhlaleni, ngaloo ndlela, kunika abalobi abasakhasayo indima yokulondoloza ekulawuleni oovimba. Imimandla echazwe ngokucacileyo ikhuthaza ukufikelela kuqala koovimba baselwandle okwenzelwe abalobi abasakhasayo, okubanceda bakhusele indlela yabo yokuziphilisa. Ngenxa yoku, oku kufanele kuphucule ukomelela ngokwezintlalo noqoqosho kuluntu oluphila ngaselunxwemeni olwalusoloko lujongelwe phantsi ngokwembali.

I-SSFZ ikwabonelela ngeqonga lokudibanisa ulwazi olusekelwe kulwazi lwezenzululwazi olunobungqina kunye nolwazi lwasekuhlaleni, ukuze lixhase ulawulo oluzinzileyo loovimba baselwandle. Ii-SSFZ zinokusetyenziswa ukukhusela iintlobo-ntlobo zezinto eziphilayo neempawu ezibalulekileyo zaselwandle kwinqanaba lasekuhlaleni. Ukuba le mimandla ilondoloza iintlobo-ntlobo zezinto eziphilayo zaselwandle, luya kuthi ulwazi lwasekuhlaleni kunye nokuthatha inxaxheba luxhase impilo yexesha elide yolwandle lwethu.

Okubalulekileyo, ukuba le mimandla inokusekwa ngempumelelo, iyathembisa ukuba ingamkelwa njenge- "OECM" - elinye inyathelo elisebenzayo lolondolozo olusekelwe kwindawo – isixhobo esinamandla sokufikelela kwiinjongo zezintlalo noqoqosho kunye nezolondolozo.

Ngoxininiso olubanzi olungxamisekileyo ekunciphiseni ilahleko ekhawulezayo yeentlobo-ntlobo zezinto eziphilayo, oorhulumente bazibophelele kwaye basebenzela ukulondoloza i-30% yomhlaba nolwandle lwehlabathi ngo-2030. Le, yiNjongo yesi-3 yeGlobal Biodiversity Framework (GBF), ekudla ngokubhekiswa kuyo njengenjongo ye- "30x30". INjongo ye 30x30 ikhuthaza ukukhuselo nokuphucula ubuninzi beentlobo-ntlobo zezinto eziphilayo. I-30x30 ifuna indlela yokusebenza encedisana ngakumbi, equka wonke umntu nenokufikeleleka, enokulinganisa indlela yokuziphilisa nolondolozo. Ukwamkela ii-OECM zaselwandle, ezifana nee-SSFZ, yinkqubo esebenzayo yokulawula ngokubambiseneyo iindawo ukuze kuxhamle uluntu oluhlala ngaselunxwemeni kunye nokusingqongileyo, ngelixa inegalelo kwi-30x30 ukukhusela iintlobo-ntlobo zezinto eziphilayo zaselwandle.

# INGCAMANGO YEMIMANDLA YOKULOBELA YABASAKHASAYO


## IMEKO EKHOYO



## INGCACISO

-  Ukuloba kwezorhwebo
-  Ukuloba kwabasakhasayo
-  Amanzi avela ngasese
-  Ukukhutshwa kwe-oyile ne-gasi
-  Ukuloba kokuzonwabisa

## UMMANDLA WOKULOBELA WABASAKHASAYO OMISELWEYO



Inguqulelo yento esisisonelo eseyiphela ithetha ukuba loo nto inokushiywa ngaphandle ngokupheleleyo kulo mmandla okanye ilawulwe kulo mmandla, kuxhomekeke kwimpembelelo yayo kwindlela yokuziphilisa yoluntu.

Umthombo: WWF South Africa

**Umfanekiso:** Umzekelo wommandla wokuloba wabasakhasayo xa uthlekiswa nemeko yangoku

## YINTONI EYENZWA YI-WWF?

I-WWF izama ukwakha uluntu lwabalobi oluhlala ngaselunxwemeni olomeleleyo ngokuthi iphumeze iiprojekthi zovavanyo zokubuyiselwa kwendalo yaselunxwemeni neyiselwandle ngentsebenziswano kunye noluntu nemibutho eyahlukileyo.

I-WWF isebenza noluntu oluhlala ngaselunxwemeni oluzimiseleyo kwiindawo eziphambili, ukunceda ekusekweni nase kulungelelaniseni ii-co-operatives kwaye iluxhase ekuchongeni imisetyenzana ezinzileyo ephucula iintlobo-ntlobo zezinto eziphilayo zasekuhlaleni ngelixa izuzisa uluntu kunye neendlela zalo zokuziphilisa.

© Text 2026 WWF South Africa



We secure and enhance millions of hectares of land and sea for the wellbeing of millions of people.

FOR NATURE. FOR YOU.

wwf.org.za

WWF South Africa is a registered non-profit organisation, number 003-226 NPO  
© 1986 Panda symbol WWF – World Wide Fund for Nature (formerly World Wildlife Fund)  
® “WWF” is a WWF Registered Trademark.

1st Floor, Bridge House, Boundary Terraces, Mariendahl Lane, Newlands, Cape Town.  
PO Box 23273, Claremont 7735 T: +27 21 657 6600 E: info@wwf.org.za W: wwf.org.za